Qiniseka Ngeenkolelo Zakho: Ukuba Nyulu

IBhayibhile ithi: “Nikhwebuke kuhenyuzo.” (1 Tesalonika 4:3) Qiniseka ukuba imithetho kaThixo yenzelwe ukuba incede wena ngokucinga ngoko kunokwenzeka.



Ngoku yiba nomfanekiso ngqondweni wezi meko zilandelayo . . .

IMEKO 1
IIMVAKALELO

IMEKO 2
INGCINEZELO

IMEKO 3
ITHUBA

IMEKO 4
IMIPHUMO

Ulutsha oluninzi olwabelana ngesondo ngaphambi komtshato luyazisola kamva. **Ucinga ukuba kutheni kunjalo nje?**

_____

_____

Amantombazana amaninzi akhetha abafana abaza *kubakhusela* kungekhona abaza kubaxhaphaza. Uninzi lwabafana bona ababi namdla kwintombazana ethatheka lula. **Ucinga ukuba kutheni kunjalo nje?**

_____

_____

www.jw.org/xh © 2016 Watch Tower Bible and Tract Society of Pennsylvania

BHALA!

Phendula
le mibuzo ilandelayo.

IMEKO 1

IIMVAKALELO

Kutheni iimvakalelo zesondo zingasoloko zimbi? —**Funda iMizekeliso 5:18, 19.**

Ngaba ukukhanuka isondo kuphela kwemvakalelo enamandla onayo? (Khawuchaze ezinye onazo.)

Ngaba kubakho into oyenzayo sihlandlo ngasinye unale mvakalelo? EWE HAYI

Ngaba ucinga ukuba iimvakalelo zakho ngesondo uyakwazi ukuzilawula? EWE HAYI

Ekubeni inguThixo oyidalileyo into yokuba ube neemvakalelo ngesondo aze aphinde athi ufanele uhlakulele ukuzeyisa, oku kubonisa njani ukuba ukuthembile?—**Funda eyoku-1 kwabaseTesalonika 4:4.**

IMEKO 2

INGCINEZELO

Kutheni ucinga ukuba abanye abantu bahlekisa ngabo banyulu?

Sinokuba yintoni isizathu sokuba iintanga zakho zikukhuthaze ukuba wabelane nomnye umntu ngesondo?

Ufanele ubajonge njani abo bakukhuthaza ukuba wophule umthetho kaThixo?—**Funda iMizekeliso 13:20.**

IMEKO 3

ITHUBA

Ngabaphi abantu, indawo okanye iimeko ekunokuba kuhle ukuba uziphephe ukuze ungahendeki ukuba wabelane ngesondo ngaphambi kokuba utshate?

www.jw.org/xh © 2016 Watch Tower Bible and Tract Society of Pennsylvania

IMEKO 4

IMIPHUMO

Abantu ekulula ukuba babelane ngesondo banokungayitshintshi imikhwa yabo ngenxa yokuba nje betshatile. Kutheni esi sibakala sigxininisa isizathu sokuba ungabelani ngesondo ngaphambi kokuba utshate? **—Funda amaGalati 6:7, 8.**

Uthini wena ngeengenelo zokuhlala unyulu de utshate?

Ngaba uyayikholelwa nyhani into yokuba ukuthobela umyalelo kaThixo wokungabelani ngesondo ngaphambi komtshato kuza kukwenza wonwabe kunokuba uphile ngendlela iintanga zakho eziphila ngayo? Ukuba kunjalo, siyintoni isizathu?

ZILUNGISELELE KWANGAPHAMBILI

IMEKO 1—IIMVAKALELO
Ukuba ndiziva ndiqalisa ukulingeka, ndiza kwenza oku kulandelayo:

IMEKO 2—INGCINEZELO
Xa iintanga zam zihlekisa ngam kuba ndinyulu okanye zindikhuthaza ukuba ndabelane ngesondo, ndiza kuthi:

IMEKO 3—ITHUBA
Ukuba ndizibhaqa sele ndikwimeko enokundenza ndabelane ngesondo, ndiza kwenza oku kulandelayo:

UNOKUPHUMELELA!

Ukuba uqinisa ukholo lwakho ngoku, ungenza ukhetho olufanelekileyo naxa ukhuthazelwa ekwenzeni okubi!

www.jw.org/xh © 2016 Watch Tower Bible and Tract Society of Pennsylvania